

27 Janyuwari 2022

Amalungiselelo ka-2022

Lungu elixabisekileyo lomzi wakwiYunivesithi yaseStellenbosch

Ndivumele ukuba ndikhe ndikuncazele kwiindaba ezivela kwintlanganiso yakutshanje yekomiti yeli ziko ejongene nokuqhubeka komsebenzi walo kweli xesha le Covid-19, i-Institutional Committee of Business Continuity (ICBC). I-ICBC iye yahlangana ngoLwesithathu umhla wama-26 kuJanuwari 2022.

UGONYO

Sifumene udatyana olumalunga nenkqubela ngokubhekisele kumgaqo othile osacetywayo weli ziko, mgaqo lowo umalunga nokugonyela intsholongwane yesifo sekhorona kwiYunivesithi yaseStellenbosch (SU).

Kunyaka ophelileyo, kwaqhutywa [uvavanyo lomngcipheko](#) wokufumanisa ukuba uyafuneka kusini na umgaqo ongogonyo lwe-Covid-19 ngenxa yeemfuno zokuqhuba kweziko lethu umsebenzi walo nomngcipheko wokudluliseleka kwale ntsholongwane. Ekugqibeleni siye sapapasha [ingxelo yokuchaza injongo](#), nelandelwe [ngumgaqo osayilwayo](#). Ngomhla wesi-3 kuDisemba 2021, sasungula [iinkqubo zokubonisana noluntu](#), nezasongwa ngomhla we-15 kuJanuwari 2022.

Siyambulela wonke ubani oye wathatha inxaxheba. Sifumene izimvo ezingaphezu kwe-1 200, uluvo ngalunye kuzo luya kunikwa ingqwalasela ngobunono. Siya kuthi ke sakuba siqulunqe ingxelo equlethe impendulo yethu sibonisane ngayo apha ngaphakathi. IBhunga le-SU lilo eliya kuba nelizwi lokugqibela, kwaye sizimisele ukwandlala icebiso lethu phambi kwalo kwintlanganiso yalo yokuqala yonyaka, ntlanganiso leyo ehlelwe umhla we-11 ku-April – okanye, ukuba ikho imfuneko, kwintlanganiso ebizwe ngokukodwa ngaphambi koko.

Okwangoku, siyaqhubeka ngokukhuthaza wonke ubani ukuba afumane ukugonyelwa i-Covid-19. Ikomiti yethu ecebisa ngezempilo, i-Medical Advisory Committee, icebisa ukuba kugonywe kuba oko kukukhusela ekuguleni ngamandla nasekulisweni esibhedlele. Kwaye umbutho wezempilo wezizwe ngezizwe, i-World Health Organisation (WHO) sonke usicebisa ukuba sifumane ukuhlatywa ukuze (i) sizikhusele, (ii) sikhusele abanye, (iii) kuthintelwe iintlobo ezintsha zale ntsholongwane, (iv) kuqhawulwe ikhonkco lonikezelwano, kananjalo (iv) kuphungulwe izigulane ezisezibhedlele, ngokunjalo kugcinwe abasebenzi bezempilo bekhuselekile.

[Iziko logonyo](#) leyunivesithi yethu elikumabala ebhola ase-Lentelus kwindlela i-Hammanshand Road, e-Stellenbosch, liphinde lavula livulela lo nyaka, apho isitafu, abafundi noluntu jikelele lunokufumana ukugonywa (kuqukwa neenaliti ezongezayo)

simahla. Ukulungiselela abo bakwiyunivesithi yethu ukuba babe nofikelelo olulula nangakumbi kugonyo lwe-Covid-19, siye samisela iziko logonyo lethutyana eJan Mouton Learning Centre (kumgangatho wesibini) kwikhampasi yaseStellenbosch. Eli ziko lethutyana liya kuvulwa ukususela nge-31 Januwari ukuya kutsho nge-11 Februwari, ekuya kuthi emva koko isayithi yogonyo yaseLentelus ivalwe.

Ukongeza kugonyo, i-WHO icebisa ukuba siqhubeke ngokuthatha la manyathelo alandelayo ukuthothisa kwaye ekugqibeleni ukuphelisa ukunaba kwentsholongwane yekhorona:

- Ukuhlala siqelelene ngokukhuselekileyo nabanye nokuphepha izihlwele.
- Ukufaka imaski ekulingana kakuhle egquma impumlo nomlomo wakho.
- Ukuba ungaphakathi egumbini nabanye, qinisekisa ukuba kubetha umoya kakuhle ngokuthi kuvulwe iifestile neengcango.
- Zihlambe rhoqo izandla zakho.
- Khohlelela kananjalo thimlela kumphakathi wengqiniba yakho.

ISIMESTA YOKUQALA

[Ubhaliso](#) luqalisile, kwaye ezinye iiklasi seziqalile, ngelixa ezinye ziya kulandela ngomhla we-14 kuFebruwari. Sesilungele omnye unyaka wokufunda onempumelelo.

Siyiyunivesithi ekufundelwa apha kuyo kwaye siya kuhlala sinjalo, ngokunjalo sizimisele ukubuyela ngokukhawuleza kangangoko kwindlela yokufundisa ubuso ngobuso ngokupheleleyo. Noko kunjalo sisantypantypumpeka kulo bhuhane. Imo yentlekele yesizwe ayikapheliswa, kwaye imiqathango isekho emalunga nenani labantu abavumelekileyo ukuba babe kumagumbi okufundela nakwezinye iindawo zokuhlalana.

Ngako oko ke, ngokubhekiselele ekufundiseni nasekufundeni, sigqibe ekubeni siqhubeke ngendlela ye-ARTLA o.k.t. ukufundisa nokufundela kude, okuxhaswa lithuba lokufundisa nokufunda ubuso ngobuso kangangoko kunokwenzeka. Oku kuya kwenzeka kuyo yonke le simesta yokuqala. Uvavanyo luya kuqhubeka ngendlela yokuhlala phantsi ekhampasini kwaye kuya luya kugadwa ngeliso elibukhali.

Ukuze kunikwe abafundi amava okubasekhampasini kangangoko, amagumbi okufundela neendawo zokuhlala ziya kusetyenziswa kangangoko ngokokuvumeleka kwazo ukwamkela amanani athile. Njengoko kwakunjalo ngo-2020 nango-2021, iifakhalthi ziya kupapasha iinkcukacha malunga nendlela esetyenzwa ngayo imodyuli nganye oko kusenziwa kumakhasi azo eewebhusayithi. Amakhasi efakhalthi angafikelelwa [ngeelinki ezikwikhasi lewebhusayithi](#) yethu [ye-Covid-19](#).

UKUBUYELA KWINDAWO EKUSETYENZELWA KUYO

Ukuze sibasebenzele kakuhle abafundi bethu, uninizi lwabo oluza kube lusekhampasini, istafu kufuneka sibuyele kwiindawo zaso zokusebenzela ekhampasini – ngokuxhomekeke kwiimfuno zomsebenzi kwiindawo esisebenzela kuzo nangokuxhomekeke kwimigaqo ye-Covid-19 nemimiselo yayo. Oku kuphathelene nestafu sezemfundo nakwabo bakumacandelo e-professional academic and administrative support services (PASS) – kwiinkonzo zethu zenkxaso kwezobungcali nezemfundo. Nceda ubhekise [kwizikhokelo](#) ezapapashwa ngomhla we-17 kuNovemba 2021, eZisasebenzayo nangoku.

ICandelo likaRektha likungqinile okokuba izikhokelo, i-[Guidelines for Managing Working Hours](#), ezamkelwa kweyeNkanga 2018, zisasebenza. Ezi zikhokelo zivumela amalungiselelo okusebenza ngamaxesha akulungeleyo.

SONKE SIYA PHAMBILI

Le nto i-Covid-19 isengumngeni nangoku, kodwa andiyithandabuzi eyokuba siza kuyoyisa ekugqibeleni ukuba siyaqhubeka ukubonakalisa ukomelela, ukwamkela iinguqu, ukuchul, ukunyathela nokuzimisela esiye sakubona kwiyunivesithi yethu kwiminyaka emibini edlulileyo. Uyabulelwa ngokunyamezela.

Ukuba ufuna ingcaciso ethe vetshe, yiya kwikhasi lethu lewebhusayithi ye-[Covid-19](#) elilungiselelwe wena.

Hlala ukhuselekile uzikhathalelele kwaye ukhathalele nabanye ngokunjalo.

Njnjl Stan du Plessis

USihlalo: ICBC

(UMgaqo Nkqubo woLwimi eSU, wamkelwa ngoDisemba ka2021, uchaza ngelithi “Lonke unxibelelwano olusemthethweni lwangaphakathi kwiziko luza kukhutshwa ngesiAfrikansi, isiNgesi nangesiXhosa” – umz. “lonke unxibelelwano olusuka kuTshansila, kwiBhunga, iQumrhu lolawulo lweYunivesithi, iNqununu, iSekela leSekela Tshansila, iGosa loLawulo lweMisebenzi okanye uMbhalisi oyiNtloko lusiya kwiYunivesithi ngokubanzi”.)